Isiqinisekiso sesibini

Isihloko sesifundo: Inkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi **“Inkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 2). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna uku…)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelelana kunye noMphathi webandla wesikolo seCawa okanye utitshala wesiQinisekiso ukufumana iinkcukacha ezongezelelweyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	Inkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo
Isifundo seBhayibhile	Luka 16: 19-31; 1 kaPetros 3: 19-20 no - 4: 6; 1 Timoti 2: 3-4; 2 Maccabees 12: 43-45; 1 Korinte 15: 29 noYohane 20: 23
ICatechism & Q&A	Isahluko 9, Imibuzo neeMpendulo 543 - 577

Injongo yesifundo	Iziqinisekiso ziyazi ukuba xa bethandazela imiphefumlo engaphaya banganceda emsebenzini wosindiso.

Isishwankathelo sesifundo:

<u>Imimandla eyahlukeneyo kwintlalo yabalele:</u>

- Kukho imimandla eyahlukeneyo kwintlalo yabangasekhoyo.
- Xa abantu besifa, umphefumlo wabo ungena kummandla ohambelana nemeko yawo ngexesha lokudla kwabo ubomi.
- Umzekelo, ukuba bazivumela ukuba baphenjelelwe kwaye babe ngamaxoki, amasela, abangakholwayo, njalo njalo, ngoko le yimeko yomoya abaya kuyo kwintlalo yabangasekhoyo.
- Umphefumlo wabo uyaqhubeka ngokuxakekiswa ngazo zonke izono ezingaxolelwanga.
- Kwintlalo yabangasekhoyo sikwafumanisa ukuba abafele kuYesu Krestu (abahlangulweyo). Siyakholwa ukuba abantwana bakaThixo abakhululweyo kwintlalo yabangasekhoyo bezisa ivangeli kaKrestu kwimiphefumlo engahlangulwanga.
- Eli qela likwaquka nabo bafumene iisakramente kwintlalo yabangasekhoyo.
- Njengathi, balindele ukubuya kukaKrestu kwaye baya zilungiselela.

<u>Uncedo lwemiphefumlo engakhululwanga</u>:

- Umpostile uPetros wayebhekisa kuYesu, owathi emva kokufa kwakhe emnqamlezweni, waya kwimimandla yabangasekhoyo, waza washumayela ivangeli kwimiphefumlo engahlangulwanga kwintlalo yabangasekhoyo. (1 Petros 3: 19-20)
- UThixo ufuna ukunceda imiphefumlo engakhululwanga ukuba ifikelele kulwazi lwenyaniso kwaye bafumane inkululeko. (1 kuTimoti 2: 3-4)
- Siyamcenga uBawo wethu wasezulwini ukuba ancede imiphefumlo engakhululwanga kwintlalo yabangasekhoyo ngomthandazo.
- Imithandazo yethu yale miphefumlo ibonisa uthando lwethu kubanye abantu.

<u>Inkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo:</u>

- Imimandla yabangasekhoyo zivulwa ngombingelelo kaYesu Krestu.

- Umbingelelo waKhe ubonelela ngosindiso kumphefumlo ngamnye olangazelela ukuhlangulwa kunye nosindiso. Aba bayamenyelwa kwinkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo.
- Amaxesha amathathu onyaka (ngeCawa yokuqala ka-Matshi, ngoJulayi nango-Novemba) kukho iinkonzo zobungcwalisa zabantu abangasekhoyo ekuthululwa kubo iisakramente.
- Imiphefumlo engasekhoyo eyamkeleyo imeko yayo kwaye elangazelela inkululeko iyakwazi ukufumana uxolelo kunye neesakramente kwisibingelelo sikaKrestu apha emhlabeni ngoMpostile ophilayo. (1 Korinte 15: 29)
- Ukufumana oku, kufuneka beze apho iindlela zobabalo zithululwa ngabaPostile bakaKrestu. Iinkokheli ezimbini zisebenza njengabameli yabangasekhoyo ngexesha lokuthululwa kweesakramente.
- Ngexesha lenkonzo yobungcwalisa le miphefumlo iva ilizwi likaThixo njengokuba ngathi sisenza.
- Emva kokuxolelwa kwezono kunye noMthendeleko oNgcwele, umphathi-nkonzo uyathandaza. Kulo mthandazo uvakalisa umbulelo wakhe wokuba ngabaPostile bakaYesu iindlela zobabalo, inkululeko kunye nosindiso zinako ukuthululwa kwimiphefumlo engahlawulelwanga evela kwintlalo yabangasekhoyo. Ukwavakalisa uvuyo lwakhe lokuba ngokwamkela iisakramente le miphefumlo, kunye nathi, yenza ubudlelane obunye bomoya.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Luxanduva lomntu ngamnye kuthi ukuba luncedo kuyo yonke imiphefumlo engakhululwanga ngentlawulelo engaphaya.
- Siwulungele lo msebenzi ngeCawa engaphambi kwenkonzo yabangasekhoyo.
- Sibandakanya imiphefumlo ekwintlalo yabangasekhoyo kwimithandazo yonke.
- Phambi kwenkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo nangona sithandazela yona ngokukodwa.
- Kufuneka boyise yonke into ebahlulayo kunye noThixo baze bamkele uYesu Krestu njengoMhlawuleli wabo.
- Kuneka sifunde ukuthandazela imiphefumlo ekwintlalo yabangasekho!

Bhala phantsi amagama emiphefumlo ekwintlalo yabangasekhoyo ongathanda ukuyithandazela kwaye uyimemele kwinkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. **Kwenzeka ntoni kwimiphefumlo yabantu xa isifa?**
   Impendulo: Xa abantu besifa umphefumlo wabo ungena kummandla ohambelana nemeko yawo ngexesha lokuphila kwabo. Umzekelo, ukuba bazivumele ukuba baphenjelelwe kwaye babe ngamaxoki, amasela, abangakholwayo, njalo njalo, ke le yimeko yomoya abaya kuyo kwintlalo yabangasekhoyo. Imiphefumlo yabo iyaqhubeka nokuxakekiswa zizo zonke izono ezingaxolelwanga. Kwintlalo yabangasekhoyo sikwafumana abafele kuYesu Krestu.
2. **Unako ukusindiswa na umphefumlo ongasindiswanga kwintlalo yabangasekhoyo?**
   Impendulo: Ewe. Umpostile uPetros wayebhekisa kuYesu, owathi emva kokufa kwakhe emnqamlezweni, waya kwintlalo yabangasekhoyo waza washumayela iindaba ivangeli kwimiphefumlo kwintlalo yabangasekhoyo. UThixo ufuna ukunceda imiphefumlo engakhululwanga ukuze ifikelele kulwazi lwenyaniso kwaye ifumane inkululeko.
3. **Singenza ntoni ukunceda loo miphefumlo ingakhululwanga?**
   Impendulo: Singathandaze ukuze ifumane uxolelo kunye nenkululeko.
4. **Zingaphi iinkonzo zobungcwalisa ezenzelwa ukubhiyozela abantu abangasekhoyo kwaye zenziwa nini?**
   Impendulo: Ziinkonzo ezi 3 ngeCawa yokuqala ngo-Matshi, ngoJulayi nangoNovemba
5. **Ngoobani abasebenza njengabameli babangasekhoyo ngexesha lokuthululwa kweesakramente?**
   Impendulo: Ziinkokheli ezimbini

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen